

15 April 2024

I-ref yethu: 1623/JP/AM

I-ref yePASA: 12/1/048

Kulowo ibhekiswe kuye

Mnu okanye Nks Ehloniphekileyo:

ISAZISO NGETHUBA LOKUTHATHA INXAXHEBA KWINKQUBO YOKUFAKA ISICELO SOKUGUNYAZISWA KOKUSINGQONGILEYO KWIPROJEKTHI YOPHANDO LWE SEARCHER SEIMISIC, ELIYAKUBA KUMGAMA WAMA-256KM UKUSUKA KUNXWEME LASE-ST HELENA BAY NAMA-220KM UKUSUKA KUNXWEME LASE-HONDEKLIP BAY, EMZANTSI AFRIKA.

I-Searcher uGeodata UK Ltd (ekubhekiswa kuyo apha njengomfaki-sicelo – Searcher) kutsha nje uqalise uphando lwe-3D lwenyikima lwangakunxweme lwasentshona eMzantsi Afrika njengenxalenye yemvume yokuphenya 12/1/043. Uphando luqalise ngoJanuwari 2024 luze luphele ngoApril 2024. Ngenxa yokuba iMvume yokuPhenya isebenza kuphela unyaka om-1, imvume 043 iya kuphelelwa ngomhla we-10 kuNovemba 2024.

u-Searcher akakwazanga kulugqiba uphando olucetywayo ebudeni buka-2023-2024, ngenxa yamathuba okufumaneka kwezixhobo zokusebenza nephenyane. Ngenxa yoko umphenyi eye wafaka isicelo seMvume yokuPhenya esitsha kwakule ndawo inye. Ugunyaziso olutsha lokusiNgqongileyo luya kufuneka ukuze uMphenyi aqhubeke phantsi kweMvume yokuPhenya entsha.

u-Searcher iqeshe u-Environmental Impact Management Services (Pty) Ltd (EIMS) njengeNgcaphephe yoHlolo lokusiNgqongileyo (EAP) ukuncedisa ekwenzeni iinkqubo zogunyaziso ezifunekayo (kuquka ukuthatha inxaxheba koluntu ngokusemthethweni), nokuqulunqwa kuze kungeniswe amaxwebhu afunekayo ukuxhasa isicelo soGunyaziso lokusiNgqongileyo (EA) ngokuvumelana nemiThetho yoHlolo oluChaphazela okusiNgqongileyo (EIA) (i-GRN982 ka 2014, njengoko utshintshiwe)- Umsebenzi Odwelisiweyo 21(b) (GNR 983): *Nawuphi na umsebenzi oquka ukwenziwa kwaloo msebenzi ofuna imvume yokuphenya ngokwecandelo 74 loMthetho woPhuhliso lweMithombo yeziMbiwa namaFutha, kwakunye nawo nawuphi na umsebenzi owomnye njengoko uqulethwe kwesi Saziso siDwelisiweyo okanye okwiSaziso esiDwelisiweyo 3 sika 2014, ekufuneka kusetyenziswe imvume yokuphenya, ngaphandle-(a) kwaloo naluphi na uphononongo lwakwidesktop; kunye (b) nalo naluphi na uphando lwakwikhompyutha.*

uSearcher uceba ukwenza uphando lwe - seismic oluhlobo lwe-3D ngakuNxweme lwaseNtshona eMzantsi Afrika. Indawo yeprojekthi ecetywayo ikumgama wama-256 km okusuka kunxweme lwaseSt Helena Bay, inabele kumantla wonxweme lwasentshona, kumgama wama-220 km okusuka kunxweme lwase-Hondeklip Bay. Eyona ndawo ikufutshane ephandwayo imalunga nama-220 km ngakunxweme lwaseNtshona naseMntla Koloni. Izalathisi zekona yendawo ephandwayo zezi zilandelayo (jonga kwimephu yendawo eqhotyoshelweyo):

#	Longitude (E)	Latitude (S)	#	Longitude (E)	Latitude (S)	Phawula:
1	~14° 04' 01.4328"	~30° 14' 20.3646"	12	~13° 58' 47.2533"	~32° 10' 00.5402"	1: Izalathisi ezibonisayo; owona mda ungasentshona wendawo yemvume kumacala e-10-20 aquka umda we-200nm ye-EEZ yaseMzantsi Afrika kwaye usenokutshintsha. 2: Izalathisi ezibonisayo; umda wendawo yemvume kumacala e-20-1 onabele phakathi kwelizwe laseNamibia nelaseMzantsi Africa kwaye usenokutshintsha.
2	14° 16' 06.5743"	30° 27' 02.4644"	13	~13° 50' 17.2474"	~31° 53' 40.5803"	
3	14° 47' 37.1143"	31° 00' 01.3293"	14	~13° 47' 47.2497"	~31° 49' 20.6094"	
4	14° 53' 02.6665"	31° 05' 40.9497"	15	~13° 44' 07.2416"	~31° 42' 20.6158"	
5	14° 59' 56.5256"	31° 05' 40.9497"	16	~13° 41' 17.2488"	~31° 36' 40.6302"	
6	15° 09' 38.6339"	31° 05' 40.9497"	17	~13° 33' 07.2379"	~31° 15' 30.7137"	
7	15° 09' 38.8124"	31° 15' 01.0986"	18	~13° 28' 17.2401"	~31° 01' 20.7564"	
8	15° 09' 38.8811"	32° 00' 01.2222"	19	~13° 24' 37.2354"	~30° 50' 40.7684"	
9	15° 09' 38.9210"	32° 35' 25.5423"	20	~13° 21' 01.7084"	~30° 39' 24.9181"	
10	~13° 54' 25.9869"	~32° 35' 33.6389"	21	~13° 35' 39.2243"	~30° 32' 20.7014"	
11	~13° 54' 27.2447"	~32° 33' 10.4617"	22	~13° 47' 32.1985"	~30° 25' 05.6174"	

I-EIMS iza kulandela iinkqubo ezichazwe kwiMimiselo ye-EIA (i-GRN982 ka 2014, njengoko ilungisiwe) ukuze kuqaliswe inkqubo yoHlolo oluSisiseko (BA). Ngokuvumelana neSahluko 6 seMimiselo ye-EIA, inkqubo yokuthatha inxaxheba koluntu iya kwenziwa. Uyamenywa ukuba ubhalise kwaye unikele uluvo ngeprojekthi ecetywayo kunye nezicelo.

Ukwenzela ukuqinisekisa ukuba uchongiwe kwaye ubhalisiwe njengoMntu oNomdla noChaphazelekayo kwaye uluvo lwakho lufakiwe, nceda ungenise igama lakho, iinkcukacha zoqhagamshelwano, isizathu somdla wakho okanye naluphi na uluvo,

A 8 Dalmeny Road, Pine Park, Randburg | PO Box 2083, Pinetown 2123, South Africa
T (011) 789-7170 | F (086) 571- 9047

A Regus Business Centre, 14 Stewart Drive, Berea, East London | PO Box 19731, Tecoma, 5214, South Africa
T (043) 783-9826 | F (086) 571- 9047

W www.eims.co.za | E mail@eims.co.za | Co Reg 1992/005927/07 | VAT 489 013 9027

Abalawuli: L Whitlow, A Smith.

ngembalelwano okanye ngomnxeba, kwi-EIMS. Nceda uqaphele ukuba zii-I&AP ezibhalisiweyo kuphela eziya kwaziswa ngokuthe ngqo ngenkcazelo yeprojekthi yexesha elizayo kunye namathuba okuthatha inxaxheba. Ukuphepha ukuphoswa ngamathuba okuthatha inxaxheba koluntu, nceda ungenise ubhaliso lwe-I&AP, okanye nayiphi na imibuzo, izimvo okanye iinkxalabo ngokubhekisele kule sicelo, nge-20 kaMeyi 2024, kwi-EIMS kule dilesi:

Umntu Onokuqhagamshelwa: Alex Msipa

Inombolo yeRefrensi ye-EIMS: 1623

Idilesi Yeposi: P.O. Box 2083; Pinegowrie; 2123

Umnxeba: (011) 789 7170/ iFeksi: (086) 571 9047

I-imeyili: Searcher48@eims.co.za

Iinkcukacha ezithe vetshe ziyakufumaneka kwi webhusayithe ye-Environmental Impact Management Services (Pty) Ltd kweli khonco lilandelayo okanye kule khawudi ye-QR ingentla. Nceda uqaphele, xa uthe awakwazi ukufikelela kwi-webhusayithi ngenxa yokunqongophala kwe datha nceda unxebelelane nabe-EIMS ukuze kwenziwe amalungiselelo wambi:

<https://www.eims.co.za/2024/04/12/1623-searcher-seismic-survey-048-basic-assessment-project/>

Nceda ufake inombolo yerefrensi **1623** kuyo yonke imbalelwano.

Ozithobileyo,

IQela lokuThatha iNxaxheba koLuntu